Isalathiso: 20170627-2415
12/2/11/6/2
Imibuzo: S Rampou
A Lamprecht

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET* DCG: 0014/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamacandelwana nezamacandelo kwaNdlunkulu, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-IMG, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli beGET nabeFET, kuBacebisi beZifundo, nakwiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

ISihloko: IVeki yeSayensi kaZwelonke ebandakanya iMathematika: 07 -12 Agasti 2017

1. IVeki yeSayensi kaZwelonke (National Science Week (NSW)) sisiganeko sikazwelonke saminyaka le sokubhiyozela iSayensi, iThekhnoloji, uBunjineli, iMathematika neZinto eziNtsha ezinxulumene noko (Science, Technology, Engineering, Mathematics and Innovation (STEMI)). IVeki yeMathematika kaZwelonke iyinxalenye yeVeki yeSayensi kaZwelonke, iphulo leSebe leSayensi neThekhnoloji (Department of Science and Technology (DST)). IVeki ye-NSW ilawulwa yi-South African Agency for Science and Technology Advancement (SAASTA)) eyiyunithi yezoshishino ye-National Research Foundation (NRF).

2. Ngethuba leVeki yeSayensi kaZwelonke (NSW), kuya kugxilwa ngokukodwa ekufundiseni **iSayensi, iThekhnoloji, uBunjineli neMathematika (Science, Technology, Engineering and Mathematics education**). Injongo yoku kukwenza ezi zifundo zibe nomtsalane ngakumbi kubafundi, yaye zibe zizifundo abazithandayo nezityebisa ulwazi lwabo nolwabahlali ngokubanzi. Izikolo zinokuqaqambisa igalelo leSayensi, iThekhnoloji, uBunjineli neMathematika kubomi bethu bemihla ngemihla yaye zikugxininise ukubaluleka kwezi zifundo njengesiseko samakhondo emisebenzi amaninzi. IVeki yeNSW isisixhobo sokwazisa ngezi zifundo nesokwandisa ulwazi lukawonke-wonke lokuziqonda kakuhle nokuzixabisa ezi zifundo ngokunjalo. Umxholo we-NSW 2017 uthi: *Advancing Science Tourism*.

3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED)* licela zonke izikolo ukuba zenze imisebenzi ekhethekileyo esekelwe kwezi zifundo ngethuba leveki ye*NSW*. Eyona nto inqwenelekayo kukuba kuthathwe inxaxheba ngabafundi nangabazali babo. Oku kukugxininisa ukuba mababe nolwazi ngeSayensi, iThekhnoloji, uBunjineli neMathematika kubomi bemihla ngemihla, yaye bakonwabele ukuzifunda ezi zifundo ngokuthatha inxaxheba nangokusebenzisana.

4. Le mibutho ingekho phantsi kukarhulumente (NGOs) ilandelayo, ingaBaququzeleli beGranti (Grant Holders) abafumana inkxaso-mali kwi-SAASTA ukulungiselela ukuqhuba iiprojekthi ezichaphazela iSayensi, iThekhnoloji, uBunjineli neMathematika ngethuba lale Veki yeNSW. Iziko lewebhu leSebe iWCED liya kubonelela ngeprogram yemisebenzi yeSayensi eya kwenziwa eNtshona Koloni: http://www.wcedcurriculum.westerncape.gov.za

ABaququzeleli beGranti ii-Western Cape SAASTA Grant holders	
Umbutho	**Umntu ekuqhagamshelwana naye**
• African Institute for Mathematical Sciences School Enrichment Centre (AIMSSEC)	Dr Rejoyce Gavhi-Molefe Inombolo yefoni yase-ofisini: 021 787 9349
• Arcelor Mittal Science Centre	Nks Jacque Willems 0747198904 Nks Lekgabe Dihlabi 082 449 4580 Inombolo yefoni yase-ofisini: 022 719 1058
• Cape Town Science Centre (CTSC)	Nks Busi Maqubela 083 276 9512 Inombolo yefoni yase-ofisini: 021 300 3200
• iThemba LABS	Nks Luchricia Sidukwana 072 228 4423 Mnu Ambrose Yaga 0729888893 Mnu Hilton Tobias 0817717367 Inombolo yefoni yase-ofisini: 021 843 1021
• Garden Route Botanical Garden Trust	Nks Kristen Hoek 082 567 3133

	Inombolo yefoni yase-ofisini: 044 874 1558
• South African Astronomical Observatory (SAAO)	Mnu Sivuyile Manxoyi Nks Buzani Khumalo 083 476 1131 Inombolo yefoni yase-ofisini: 021 447 0025
• South African National Space Agency (SANSA) Space Science, Hermanus	Nks Elisa Fraser 071 473 3337 Inombolo yefoni yase-ofisini: 028 312 1196

ISebe iWCED, lisebenzisana ne-Cape Town Science Centre (CTSC), ukususela nge-14 Agasti 2017, liya kumisela ukhuphiswano olubizwa i-Mathematics, Science and Technology (MST) Quest competition olubandakanya izikolo eziyi-30 ezizii-MST Focus Schools ezikwiZithili zeeDolophu (Metropoles) nolwandisa imisebenzi ye-NSW. Ukhuphiswano lokugqibela lokukhetha abagqwesileyo luya kuqhubeka ngoLwesine we-07 Septemba 2017. Olu khuphiswano luyinxalenye yephulo lokunxulumanisa ikharityhulam yesayensi nemisebenzi yolonwabo nokukhuthaza abafundi beBakala 9 bezikolo ii-MST Focus schools, baqhubeke ukufunda isayensi. Isikolo sakho siya kufumana isimemo sokuthatha inxaxheba kumsebenzi wolonwabo wokwenza izifundo ze-MST zibe nomtsalane onokubangela ukuba abafundi bafumane ulwazi olubaxhobisa ngakumbi kwezi zifundo.

5. ISebe iWCED lingathanda ukunika izikolo amathuba okwabelana namanye amagosa nezinye izikolo ngemisebenzi yazo kwiphondo. Ziyakhuthazwa kwakhona izikolo ukuba ziwabandakanye amagosa ezithili yaye zithathe iifoto nee-video clips ukwenzela ukuba xa kunokwenzeka, zipapashwe kwiziko lewebhu leSebe iWCED. Ezi zinto zinokunikwa abacebisi bezifundo ukuba bazifake kwiziko lewebhu. Zinokuthathelwa ingqalelo nezinye iindidi zemidiya ezifana ne-Facebook no-YouTube.

6. ISebe iWCED liyawathakazelela amalinge angamanye ootitshala bethu okongeza ulonwabo ekufundweni nasekufundisweni kweSayensi, iThekhnoloji, uBunjineli neMathematika.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-07-24